

UMSEBENZI WESIKOLO OWENZELWA EKHAYA

Ungenza ntoni ukuncedisa kumsebenzi wesikolo owenzelwa ekhaya:

**Uqhagamshelwano
phakathi kwesikolo
nekhaya**

- Yiya kwindibano yangokuhlwa yokuqala yabazali nootitshala. Buza ukuba msebenzi mni na wesikolo owenzelwa ekhaya kwibakala elitsha. Buza ukuba ungenza ntoni na ukuncedisa umntwana wakho ngomsebenzi wesikolo owenzelwa ekhaya.
- Buza utitshala ukuba uthini na umgaqo-nkqubo malunga nomsebenzi wesikolo owenzelwa ekhaya.
- Mncome umntwana wakho ngokuwenza kwaye awugqibe umsebenzi wesikolo owenzelwa ekhaya.
- Mncedise umntwana wakho kumaBakala 1 & 2 ngomsebenzi wesikolo owenzelwa ekhaya. Mncedise nomntwana wakho omdala ngomsebenzi wesikolo wasekhaya, ukuba ucelwe ukuba wenze njalo.
- Umsebenzi wesikolo wasekhaya mawenziwe ngexesha elithile ngemini nganye. Yenza isigqibo nomntwana wakho sokuba liya kuba lelipheli elo xesha – nize ke nilibambe elo xesha yonke imihla.
- Qinisekisa ukuba umntwana wakho uwenzela kwindawo enye umsebenzi wesikolo wasekhaya.
- Gcina zonke izinto aza kuzisebenzisa kwibhokisi ekufuphi ukuze ungamane uzikhangela yonke le mihla. Zezi ezinye zezinto ezisetyenziswa ekwenzeni umsebenzi wesikolo ekhaya, iipensile zokukhalarisha (coloured pencils), iglu (glue), iimagazini ezindala, isichazimagama namaphepha okongeza.
- Umsebenzi wesikolo owenzelwa ekhaya mawulawulwe yimigaqo eza kulandelwa lusapho lonke.
 - Mayicinywe iThivi. Iya kumphazamisa umntwana wakho.
 - Makungabikho zindwendwe zizayo.
 - Makungathethelwa phezulu efonini ngabanye abantu bosapho.
 - Funda incwadi okanye yenza isicwangciso sebhajethi.
- Qiniseka ukuba uyakwazi ukuqhagamshelana notitshala womntwana wakho.
- Thetha notitshala womntwana wakho ukuba umntwana ufumana ubunzima xa esenza umsebenzi wesikolo owenzelwa ekhaya.
- Khumbula, nobabini wena notitshala, nifuna ukuba umntwana aqhube kakuhle.

ISEBE leMfundo leNtshona Koloni



**ISEBE leMfundo
leNtshona Koloni**

URhulumente wePhondo leNtshona Koloni



**LINGAKANANI IXESHA
ELINGACHITHWA EKWENZENI
UMSEBENZI WESIKOLO EKHAYA?**

Umsebenzi wesikolo wasekhaya unceda umntwana wakho ukuba aphuhle kwezi zinto zilandelayo:

| ISigaba | IBakala | Ixesha elininzi elicetyiswayo |
|-------------------------|---------|-------------------------------|
| ISigaba seSiseko | 1 | 10 imizuzu |
| | 2 | 20 imizuzu |
| | 3 | 30 imizuzu |
| ISigaba esiPhakathi | 4 | 40 imizuzu |
| | 5 | 50 imizuzu |
| | 6 | 1 iyure |
| ISigaba esiPhakami-leyo | 7 | 1 iyure 10 imizuzu |
| | 8 | 1 iyure 20 imizuzu |
| | 9 | 1½ iiyure |
| ISigaba seFET | 10 | 1 iyure 40 imizuzu |
| | 11 | 2 – 2½ iiyure |
| | 12 | 3 iiyure |

Uxanduva: Ukuba umntwana wakho wenza umsebenzi wesikolo wasekhaya yonke imihla ngexesha elifanayo kwindawo enye, oko kuya kumnceda ukuba abe ngumntu omdala okwaziyo ukuthwala uxanduva.

Uvuyo nebhongo lokugqiba ngempumelelo umsebenzi: Umntwana wakho uya kuqala azive enebhongo neqhayiya xa esebenza nzima aze agqibe imisebenzi yesikolo yasekhaya yakhe ngosuku ngalunye. Ukuba umntwana wakho usebenza ikota yonke, uya kufunda ukuba kulungile ukuzimisela usebenze kuba uzuza impumelelo.

Ukuzithemba: Umntwana wakho uya kuzithemba ukuba unako ukugqiba imisebenzi neeprojekthi.

Ukuzenzela angaxhomekeki: Ukuba umntwana wakho angaqala ukwenza umsebenzi wesikolo ekhaya ngokwakhe esemncinane, uya kuthi kungekudala abe sele engumntu okwaziyo ukuzisebenzela abe ngumsebenzi ongaxhomekeki mntwini.

Umsebenzi wesikolo owenzelwa ekhaya ukwafundisa umntwana wakho ukulawula ixesha ngokufanelekileyo nangendlela eyiyo.

Ukufunda akupheli xa kukhala intsimbi ekupheleni kosuku lwesikolo.

